Kungosizi esivakalisa ezokubhubha kuka Mr. John Alfred. Ntsiko Equgqwala, kwesisiqingata, ngo Mgqibelo, 5 November. Ugule iveki yingqele emngene elima. U Mr' Ntsiko ubeselengumpumli, kumsebenzi wobu Titshala, etsala *ipensile.* Wawufunda kakuhle lowo msebenzi ku Mr George Baker, e Nxukwebe apo waiya kunye nomkuluwa wake u Rev. Samuel Ntsiko. Epumile ufundise kwa Wezo, e Tamara nase Mkangiso, waza wapumla. Ushiya usapo oluninzi, olunye beluqala ukungena emisebanzini. Ube ngumfo ondilekileyo obebekwe kunene ngengqondo yake entle, engumshumayeli we Lizwi. Umka xa ayindoda evileyo, elandela uyise obebikwe ngo October, awati ukuroxa wayakumgeina. Sikuza u Mrs. Ntsiko, intsapo nezihlobo zake ezininzi.

Ukucotelwa Komzi.

Ucando Iwe Transkei ngemigaqo yase Glen Grey webiwa ngalo umzi. Wawungafuni olwe *Glen Grey ;* kodwa wawunqwenela oluka Sir GEORGE GREY—zizinto ezimbini ezahlukileyo ke ezo. Apo ubiwe kona umzi kukusuke kuti kanye xa kupakati kwexapetshu lonyulo, isuke ipakanyiswe intshumayelo yocando, elixa abantu bangena xesha lokuyiketa amadlala. Ekubonakala ukuba kwakufunwa belahle unyulo, basukela amadlala ocando.

„

Esinye isimanga kukuba u Sa Godini amise umongameli we Liki e Gala, osebenze kunene ngalevoti, ukuba ibe nguye unocanda. !

Umfl u Rev. S. Makhobotloane.

Kwati nge Konifa yanonyaka (1898) wakutshwa umfunnisi obese Rode, u Rev. Stephen Makhobotloane. Ute ke engekafuduki wahliwa sisifo sentliziyo, wagula, akabi nakufuduka ukuya e Maritzburg. Kude kwafika u Rev. R. Funani obekutshe-Iwe e Rode, waye umkuhlane umana ukula. Kute ke ngo November 3, emalanga, walishiya elipakade. Akabanga nanteto ininzi ayitetileyo. Waxela into yanye ngemini engapanibi kokubhubha kwake. Wati: " Ngomso ozayo ndiya empilweni." Kanti uteta impilo yezulu. Babe baninzi abantu edlakeni; zonke iramente zamahlelo ziko. Abangcwabi babe ngo Revs. J. Mjila, W. Giwu, no R. Funani. U Mr. Makhobotloane wafika no Mr. Baker e Nxukwebe ngo '67, wafunda kuye. U Mr. Ntsiko, ompanga uvakaliswa kwakwelananihla, waye ngumlingane omkulu wake. Uke watitsha e Bhekandope nase Colesburg pambi kokungena ebufundisini abuqube e Monti nase Tamara, kweli, pambi kokusinga ema Mpondweni. Lompanga ulandelelene ngokumangalisayo nowo Rev. J. Ntikinca. no Rev. P. Sepanila, bola ulo *lomfundisi* u Hagile. Slyayivela intsapo.

AMANANI EMALIKE.

E QONCE.

Ngolwesi Ne, November 1398: Inkun: 30s ngefl :ra, Inkuku 2s inye, Ibhotolo la ne Is lid ngepont', Amaqanda 9J la ngedtzi. ni, Inyama yenkomo 6d ne 7d ngeponti, Inyama yehangu 8d ngeponti.

E KRADOKWE.

Ngolwesi Ne, 10 November 1898 : laemile 4a 6d ne 5s ngengxowa, Itapile 16a ne 18s ngekulu, Ihabile 5a 6d ne 6a 9d ngekulu, Inkuni 30s ne 45a ngeflara, Ibhotolo 2s ne 2s 6d ngeponti, Amaqanda la 6d ne la 9d ngedez ni, Inkuku 2a ne 2s 6d inye.

—o—

E KIMB1LI.

Ngolwesi Hlanu, 11 November : Umgubo 33s ngekulu, Umbona waae Koloni 21a 6d ngekulu, Umgubo wombona 22a 6d ngekulu, Amazimba 20s ne 27a ngekulu, laemile 5s 6d ngengxowa, Ihabile ez nkoza 13s 61 ngekulu, Ihabile 6s 6d ngekula, Itapile 16s ngekulu, Ibhotolo la 6d ngeponti, Amaqa. l nda le ngedezini.

—o—

E MONTI.

Ngolwesi Ne, 10 November, 1898 : laemi. !e5s3dne5s6d ngengxowa, Owona mgu bo ruble 32s 6d ngengxowa, Umgubo onga. aefiweyo 20a ngengxawa, Umgubo wombona •17a 6d ne 18a 6d ngengxowa, Umbona obomvu 10a ne Ila ngekulu, Ihabile ezinkozo imbewu 17a 6d ne 22s 6d ngengxowa, iugqo lowa 12s 6d ne 14s 6d ngekulu, Amazimba 9s ne 10s ngengxowa, Itapile ez'ntaha 20s ne 25 ngekulu, I orenji 6s ne 83 6d ngeku. lu lamabumbulu.

—0—

E BINI.

Ngo Mgqibelo, November 5, 1898 : Iraai 6a 6d ne 7s ngekulu, Ibhotolo la 10 no 2s 4d ngeponti, laemile 4J 6d ngengxowa, Amadada 3s 8d ne 3s 9d lilinye, Amaqauda la ne Is 4jd, Ihabi'e 5s ne 5s 9d ngekulu, Inkuku la 9d ne 2j 8d inye, Inkuni 16s ne 46s ngeflara, Iraai eluhlaza la 4d ne Is 8d ngedezini, Amazimba 9s 6d ne 101 ngekulu lubunzima, Umbona 9s 61 ne 10s ngekulu loburz'ma, Umgubo 23s ne 26s nge'g«owa, I orenji 4s 6d ne 7s 6d ngekulu lamabumbu lu, Ihabile ezinkozo -la 6d ne 7a 6d ngekulu, Itapile 16s ne 18s 6d ngekulu, Ikwakwini 161 6d inye.

indatyana.

INGQAKAQA E DEBE.—Kuhliwe yingqakaba umsebenzi kwaloliwe, elukalweni Iwe Debe.

AMAPEPA AKWA KOMANI.—Lamapcpa —i *Representative* ne *Free Press* apuma katatu ngeveki.

INTSIMBI YAMAXESHA AKWA KOMANL—Lentsimbi eyakuba sikumbuzo se Dyib'ili ifikile. Idle £377.

E HEWU.—Indaba zezokuba selibuye labalela ilanga — Kuvakala ukuba kuko ifama eno Landipasi e Nciba (eyase Hewu yona,—Ingqalowa abanayo nonyaka. —Ukutiyopiya sekwenzakalisile kwircmente yase Mta; kutimbe iqelana, noko amadoda omzi ahleli, awakukatalele. - Kuyacetywa noko igusha zifile kakulu.

KWA GATYANA (WILLOWVALE).—Bekusondezwe pambi kwe mantyi enye intwazana kwangokubeka isitampu esidala eleteni; idliwe £2, ingenayo icawa ezintatu. Yancedwa ke noko ogabanakwayo. Kokwesibini namhla isihla lento; owokuqala wayedliwe £4. Lento ke inga ingasisiyalo kubo bonke abantu, baqonde ukuba isitampu esidala

"Ncoko ndini (utsho omnye) siswele umbongo ngeke sikubonge, kub*** usicubule amatumbu ngenye***** Ke ndati ndikangele abanye ***** kuba ngumhlati owamkelek*** kunene etyini, bafika k .vindawo eteta ngenkumbi nokutyiwa kwazo ngabe Sulu, bad kuba abafundi yayingabe Sutu batsho ngesiqarala, kuba kucingelwa ukuba mayibe yonke into engum-Sutu iyazidla."

+ + + ...

Siceiwa ukuba siqaule lemijila: — " Intshumayelo engummangaliso. I ke wati omnye umfundisi eshumayela ngetyalike enkulu, ' Abantu abamnyarna banenkani ngemvelo; bafana nehagu. Ke yona ycnziwa kukuba intamoyayoimfutshane. Ungabangayijika ngapa nangapa kube yinqaba. Unjalo umntu omnyama."'

\+ + t

"Ama Xosa a'wela emah'.atim nase matafeni, sawoyisa. EzintWana zilwela endlwini ka Tixo nazo sazoyisa. Yatsho iM.A. Yeha!"

t + + .

" Kanene kulindeleke ukuba sitengise ngemvalo zetu na ? Soba yini ku Mninimvalo. Safa betu, zintshumayelo zinina ezi? I pulpit yeye Lizwi. Yinina?"

\+ t t

Amadoda afana ngendevu qa. lati enye idtshala eyayifuna intsimi ingena kuyizuza, yanetuba lokuke ibambe inkonzo yetyalike. Inqike kulamazwi, " Osukuba enomhlaba aze aboue umza-Iwana wake eswele ati amvalele umbilini wake, lutinina utando Iuka Tixo ukuhlala kuye?" Emva kwencazelo ende —siko ke nesibonda—:te " Tandaza mza-Iwana,'' ibekisa kuso.

t t t.

Kute cwaka umzuzu kuguqtwe, savakala, "Ewe, Nkosi, uti kambe wena, ' masaneliswe z zinto esinazo.' Litsho Izwi lako ukusifuudisa. Amene."

\+ t . .t

Wati omnye we Jubilee Singers ongu Javin, " Hodges! "
Hoiges, "yo."
Javin: " Ufuna ungcwatyi pi wakufa?'
Hodges: "Kumhlaba wokungcwaba wase Wesile."
Javin : " Usityakala mfondini." (
Hodges: " Wena ungangcwatywa pi?"
Javin : " Kumhlaba wokungcwaba ama Bulu; kuba yindawo yokugqibela ayakuya kuyo u Satana ukuya kufuna umntu omnyama ngomhla wokupela."

\+ + +

into ka Rutsi, umpeki wenkobe ezilumezayo (Glen Grey Bill) aka Vulastara ayinqumle amanqindi, ubasbiya aba Tembu baku Ndgnga behlafuna, bezipumlela inkobe awazipeka zinohlalu.

t t +

He ! he ! he! Ndeva ndihleka betu.

Kanene nama Mfengu ati makalinge-Iwe kwezo nkobe? Uti usatsho, ngawo awacande umcepe, ati sikeleleni nati sihlafune.

t t t

Batinina kanene ukumtuka? Abatina: " Ngu tshokotsho cimbi, eramncweni akwenjiwanjalo ukulwa eramncweni. Umakota eyixatula, umana ka Rutsi engu Rutsi naye.„

t t + , , ,

Yaka yati enye kula asabambelele ngazo zozibini kubelu lomsele, udla bemkanyela, oludiza lumnandi nembengu zalo, xa kwakutiwa mayizile :

Hayi ukufaneleka
Kwabameleneyo
Bakusela ngamcep' mnye,
Ngokwa bamelwane.

Makube waye teta, kuba akupuziswana ngesitya esinye xa iyikofu.

\+ + . + , .

Ziti ngoku ukucula intombi zasc Kapa De Cape Town ledies sing de song Schreiner, Schreiner, Schreiner.

\+ + . +

Zitini ezase Monti ? 0! ingoma yazo inyo, iti: " Sa Gordon de Progressive, Brabant an' de Vagabond's wet De Curfew for de Kaffers."

t t t

"Kowu amnandi lamaculo wetu!" Ubone ke mfondini impi yakwa Gompo, ikolwa incame yile ngoma, kodwa yona imantyi ayivumi kuyihlabela lengoma, seyixolele ukuba besiti iliyilo.

т . t t t

"Utini na umfo waso Bai?" Kubani ? " Nditeta ku Maneli wase Monti." Uti cokisa esako isanda matanci, enditi makabe uva lengoma sinina nje.

t f f

Wati omnye umntwana ebuzwa ngutitshala wesikolo se Cawa :
Titshala: " Wa nantsi abantu abaya esihogweni ngabateni?''
Umntwana: " Ngabantu ababi."
Makube kunzima ke kubantu ababi xa baya kuvingca indawo esihogweni somlilo kupela ngenxa yobubi. Lomntwana ngati wahlab' ekangele, kuba umntu ngumpefumlo, ingelulo utuli olu, ngako oko umntu ombi uya esihogweni.

, t t t

Qashi-qashi buti lilipi iculo lemvuselelo ye B'unga Lobutshinitshini ? "
" Akulazi noko uvela Emonti nje?"
Liti: " Jabavu, Bokwe, Mvo.'' "Sewundicokisela buti, ngubani umhlabeli?"
" Andingemazi, kuba uti omnye esaqube ivesi uve sekutiwa—Kauyeke wena, kubizwe omnye ngase mnyango, kutiwe makahlabele."

t + t

" Lonto ayikolisi kulunga ke buti, yile yalwisa abafana emtshatweni wase Mtlabati, batsho sazintsali ngobusuku, basebemana ukubizana ngamakwelo esingeni. Ukususela lomini, ubonanje, andicingi kuya emtshatweni ohlanganisa onke lamayilo antloko zinomqele wamashiqa."

t t t

" Nitsho nganina bafondini?" "Sitsho kuba i-arente ze Liki zibambene es'apa, iti enye: 'Ete lomali, wati kaloku wena akutandabuzi u--------------------worn, weza ngevoti oya kumtengela zona, watsho kanti akasakuwela nangonwele.' "

\+ + + ,

"Ababafo basixakile wena basuke banengcwangu. Uyayiva le '"xakupelelwa ngamaqinga yasuke nya umnqayi weqaba, seyixiu^^magwebu, isongela uyise." "Mnwo! ingalinga kona, izungulwa kukuya esililini eika Jemsana," utshilo omnye.

ttt

"Unanina betu lomfo, akwazina ukuba apo kufika umlomo akufiki ntoyimbi? Lowa mfana makabe noko ayi Liki nje akazange acokise kowabo abo ngomsebenzi wentakumba zase Pretoria. Kungasa ziyifakile ingqondo, akangeraneli nto naye."

, t t t

" Mhlana ndize ndigqoboke mna andisoze ndibe njengo Nantsi lo. Mhlana ndize ndifundise umntwana warn andingetandi abe njengo Nantsi lo." Itsho impi emaqaba xa ikangele inqtlbo yala maqela omabini.

ttt

Uqonde ukuba ibilesa lempi ubungati wakubuza ikudlele ibali lika Bilame owati wazifaka ebuyilweni ngenxa yomvuzo ombi ukuquba into intliziyo yake ingeko kuyo.

ttt

"He, he, he, yevana mfondini, wandikumbuza nto. Lanyaka ati ama Lawo ase Katala avukela u Rulumente kwati xa kuse mahlatini liti i Lawo lakufunyanwa lipete inyama itiwe hlasi kwayile yasekaya, ityiwe, linikwe ita* mbo ukuxela ukuba isivivi sobubi asibi namniniso."

U DR. DARLEY HARTLEY.—Logqira ubuyile Engilane, apo ebeyele ukuziqeqesha—wapumelela ubu M.D. base Durham, wamkelelwa kwi R.C.P.L. Uzimisele ukuwuquba umsebenzi e Kapa.

Ukuzigcobisa

I KRIKETI.

AMANQAKU.

Umcamango ebinawo i Frontier CC wo kuya kudlala e Rini nase Bhai ngeziholi- de ze Kresmesi neNibidyala, maube uwe pantsi ekubeni knfike isimemo nge Tu- mente ye Barnato Memorial Trophy eya kuba se Rini k wangeloxesha.

* * *

U Mr Mjokozeli kwinewadi yake ekwa kulomhlati ukalazela ubufutshane baxe- sha ; ukushiywa ngapandle kwe Monti ne Tinara ; waye ebuza nokuba i Bodi eyile imigaqo yokudlalelwa kwale Ndebe ise kwe ngobanina, njalo njalo. Ezindawo ke uzibhekisa kwi Kimberley.

Kolwetu uluvo ibinga ezindawo zipaka- nyiswe ngu Mr Mjokozeli azingemi e ndleleni yomsebenzi. Ixesha okunene lifutsbane, kodwa ke makuhambe uku- bhalelanana endaweni yokuba kwenziwe amalungiselelo okuya e Tumenteni? Kwindawo yokuba lishiyiwe i Monti ne Tiuara, akunjalo. Into yonayile—incwadi ingene nge Qonce, laye ke i Qonce li- quka imimandla esuka e Monti de kuye e Katikati, lo team ke inokuhamba nge- Gama lokuba yi Border Team nokuba Mgodi elinye kulengyinge. Kungene kuqala i Five Ngokukwanjalo Bhai ne Tinara kwakubi kumadoda e Gaika. Ite indoda vesitatu u Ngcweleshe yatsho amadoda e Gaika ati sa, waye ebeta o 8, no 7, no 6, no 5, njalo njalo. Wenze 48, yedwa, waza watabata i wickets ezisitoba ngokubhola. Ngokufutshane i Gaika idli- we ngu Ngcweleshe yedwa. Basopu ke Komani ngo December izigebenga. Izi- kora zimi ngoluhlobo: —

E MONTI.

Kuqubisene i Five Great Powers CC ne Gaika CC ngo Mgqibelo 5 Wokumbula u Mr Mjokozeli ukuba nge Jabayu Cup i Qonce lamema iTumente pezu kwemigaqo etile, ekute zakudibana indawo ngendawo zenza i Bodi nemigaqo eyiyona yaba ke itsbayile. Ukutsho ke siti makahambe amalungiselelo e Turns- nte; ezindawo zobuye zilunge

Five Great Powers CC.—~W Mancapa lbw b Tyekana 10, M Myeha b Tyekana 1, K Nqoro b Tyekana 0, M Ngcweleshe b Malgas 48, J Rashe e Maneli b Tyekana 5, Agushelo b Malgas 0, A E Sandille b Malgas 1, T Bokwe b Malgas 3, D Salayi not out 6, C Mini b Tyamzashe 0, Extras 16, Total 90.

Gaika CC.—M Matshibe b Ngcweleshe 0, G Tyamzashe b do 0, T Nweba b do 6, H Maneli b do 1, G Hula, b do 0, N Gxa- leka b do 1, J Matadi b Bokwe 7, A Malgas b Ngcweleshe 1, N Mhlongo not out 0, H Maigas b Ngcweleshe 0, I Tyekana b do 0, Extras 12 Total 22.

"BARNATO MEMORIAL TROPHY."

Mnumzana Mhleli we Bala Lemi- dlalo, — Ndivumele ukuba ndiku- kataze ngala mangaku ambalwa, ngokumalunga aalomci mbi we Tu- mente ye "Barnato Memorial Trophy," obonake e kwipepa lomhla we 7 kule. Ndibhekisa kuni Kimberley.

Kunala kuteni ukuba Isazizo se Tume- nte sipume kade kangaka? Kuteni ukuba ezindawo zilandelayo zinganoyishwa: Imonti ne Tinara, pezu kokuba i Qonce ne Kimbealey seke zatyiwa li Tinara? Isekwe zizipi i Representatives lemigaqo yale Ndebe, apo zide zanikwa igunya lokuba zenze inqanam lokuba maze ezinye indawo zikotele kweno zinoyishi weyo? Lo "Bodi" iyakuyilwa nge Tumente zingeko ezinye indawo ezine- ndlali, yenyulwe ngubani? Iyakutini ukwenzela imiteto abantu abangena mlo- mo (mtunywa) wabo kwizigqibo zayo?

Ukugqiba manditi kungade kube kuya kubako i Zibhishini e Rini, lonto ayingebangele ukuba zifumane indawo ezinabadlali ziketwe, kungeniswe i Kapa ne Rini. Nokuba yiyipina indawo eyo- yisileyo, inamatengwa, akuncedi nto, asiyiyo indlela leyo yokudlalela Indebe. Yishumayeleni imigaqo ye Ndebe kube kanye Akuko dolopu, nandawo eyaku- vumela ukuba ibe yileli yenye, ze udu- mo lupume naleya ibinoyishiwe. Inge kabiko nje i Union 'yakupik' ubhene.

W. W. MJOKOZELI,
East London, November 8, 1898.

— o —

MHLELI OBEKEKILEYO,—Ndiya kucela ukuba undipe isituba kwelo pepa lako IMVO kendenze amazwi malungelana nokushiywa kwe Monti kule Ndebe ka Barnato ngabantu base Kimberley, abasuke bangenisa indawo ezingapantsi kwe Monti —indawo ezinje ngama Komani ne Rini, lingapantsi kunezi ndawo. Monti nakuba lona i Komani belingangenayo linokudlala nawe nge Easter Holidays, ngengozi, kodwa lona i Rini alinandawo Ndiqinisekile ukuba akusa yi kulibona yokungena , ndltsho ngokuba alaziwa ezi nalapo litshone kona. Ukuba uyapika Tumenteni, laka- tshwa kudala. Ke yindawo ndiyibonayo kulo Ndebe yako Xungamina ukuba lingene ukuze i Monti ne lingene i Monti liye e Rini kesikangele Tinara libe ngapandle. Indawo yokuba, ukuba uya kuhamba apo lihamba kona- na, lingene andiyiboni kanye. Ke ndiqinisekile i Monti. Ke ndingayuya ulazise kamsinya ukuba i Rini lingafane linyule icazo zonke i ukuba unokuyenza lonto. Into ezi uya club zakona lingadiliwa yi club enye apa e kuzibona. Ndim, WAYAYEKAUDA Monti, imolwesatuti igama lakhona i Team East London, 9 November 1898. yalapa. Ama Kimberley, Qonce, Komani,

Imwo zotntsha ngokwagqozie ngadu, namvo zemisbarizibiyo. Icz ngazale nge ukuba Ikrikkupaum. Izzekiwa yawe ngesikolo 3 oko. Dyebe dwa ezintiswa e kwindawa le ingapepa mfondini wase Kimberley uqonde izinto ezi. Yeka ukuba w...za indawo o...apa indlali n...Ngcweleshe, K...ba, Sandille, A...ni (ixaka lezi- b...nye. Zi- ndlali k...e Kimberley ukuba ucinga ukuba i Monti

IMVO ZONTSHALA

Indawo no Mongameli

Rev. W. Baker	25	15	8
BLITHSWOOD			
Rev H J Ross MA	48	13	14
BVTTERWORTH			
Rev T R Curnick	18	1	2
ICALA			
Rev T Smart ..,	7	2	
CLARKEBURY			
Rev T A Chalker	42	12	
EAST LONDON			
Rev W J Hacker			
EMGWALI			
Rev Alex Welsh			
ENGCOBO			
Rev Canon Waters 38			
GRAHAMS TOWN			
Rev S J Helm ...	9	13	
HEALDTOWN,			
Rev Wesley Hurt	.21		
ST MATTHEW'S,			
Rev C J Wyche .	J>	3	
KING WILLIAM'S TOWN,			
Rev J D Don ... 16	19	14	
LOVEDALE,			
Rev D D Stormont 58	33	30	22
MORIJA,			
W Blignant, Esq	10	11	82
PFDDIE,			
Rev A J Lennard	11	6	23
QUEENSTOWN,			
Rev W J Dower			
SHAWBURY,			
Rev 8 Clarke ...	38	35	19
UMTATA,			
Rev W B Rayner	65	26	24

Ku BALESI BE " Mvo."—Kukwako izi- tampu ze halafu ezamkelweyo, angazi- wayo umtumeli wazo, nalapo akona, ixabiso lazo zi 2s 6d. Umtumeli wazo makancede asazise.

Emalanga nge Sabata.

ISIFUNDO SE BAIBILE.

SE CAWA, NOVEMBER 20,1898.

Isono sika Manasseh nenguquko yake.

II Kron, xxxiii : 9-16.

Isono sika Manasse sasisikulu. (1) Ngokuba waye fundisiwe indlela yenya- niso, kuba u Hezekia u Kumkani olu- ngileyo waye nguyise. (2) Ngokuba; wakokelela into eninzi yabantu eso-. nweni v. 9. (3) Ngokuba Inkosi yayi- mvusile akapulapula v. 10. Ke ngoko isono sake kutiwa sasisikulu ngapezu kwesa bahedeni.

Izono zenu azinje ngezo zika Manasse na? Nonakele kuna babedeni, ngoku- ba ninako ukukanya, niyayazi inyaniso kanti anipulapuli, abanye abantu baya kukatazeka esonweni bakunibona, kuba besiti: " Kangelani okwenziwa ngabafu- ndisiweyo."

U Mannasse waguquka ngexesha le- nkatazoyake. Xa waye libanjwa, eku- de nekaya, wayifuna Inkosi, watandaza kuyo. U Tixo ngenceba zake ezinkulu wamxolela. Seniguqukile na? Nino- sizi na ngezono zenu? Ukuba kunjalo ke, kungaba kuko itemba kuni. Nokuba izono zenu zininzi, zizikulu, ukuba niyazitoba nitandaze kuyo Inkosi, iya- kunipulapula inixolele ngenxa ka Yesu Krestu.

Inguquko ka Manasse yalandelwa bubomi obutsha, intsalela yobomi bake wayicitela ekususeni inkohlakalo awayeyenzile v. 15 no 16.

Ityalike Nezikolo.

Nina enixolelwe izono zenu ezininzi, yenzani kwalonto. Bapina abafundisi benu ebeningaba pulapuli. Bancedise- ni ukuteta kwa elozwi kwabanye. Api- na amadodana enawalahlekisa ngemi- kwa yenu, wafuneni ngoku, ninge Jikwalodiyiseqa enyanisweni. Lo ngu- misebenzi omnina. Kodwa kulungile ukuba niwuzime ukuwenza ukuze si- bonakalise utando lwenu ku Msindisi owanifunayo xa nibe nilahlekile ukuze nibonakalise ngobomi benu obutsha ukuba inguquko yenu iyinyaniso no mnqweno wenu kukungcwaliswa.

ETSHABO.—Kusand' ukuvulwa ityali- ke Entsha yaba Baptizeshi Kushuma- yele umfundisi. Isakiwo sidle £150.

U REV. J. T. LLOYD.—Lomfundisi wase Johannesburg undulukile e Bai uku- singa e Ngilane ngenxa yokungapili. Woka abe kwelozwe inyanga ezintandatu.

IMITI.—Ngolwesi Hlanu u Rev. J. Harper wakwa Bohomeli e Qonce ube netiniti yesikolo seytalike kumaqaba, kubeko iqela elikulazayo. Kungene imali yeyenikuleleyo. yonyaka yi £8.

E ALVANI.—Ku Viwo Lomhloli-Zi kolo ingxelo yesikolo sika Mr. Stephen Majombozi e Alvani imi ngoluhlobo :—Standard V, inani 5, kwapumelela 3; ku IV, inani 11, kwapumelela 6; ku III, inani 11, kwapumelela 6; ku II, inani 18, kwapumelela 14; ku I, inani 18, kwapumelela 17. Siyancoma.

E CRADOCK.-" Um-Wesile Wenene ' ubalisa ngotyelelo Iuka Rev. S Ntsiko e Cradock olube nempumelelo encomekayo. Ushumayele kwintlanga- niso enkulu nge 23 October apo e Cradock, kwasindiswa iqela elikulu. Bamalunga namashumi amahlanu aba- zinikeleyo. Imvuyisano ne Cradock ngempumelelo enjengale.

INYAMBALALA YABAFUNDISI.—Inqana- wa engu Scot ifike nesihlanu samadoda- na esivela Pesheya, sizokuquba umsebe- nzi we Lizwi we Wesile kweli lizwe. U Rev. E. Carter uya e Ermelo Transvaal, u Rev. Wm. Eacott uya kwabantsundu el Johannesburg, Rev. Sydney J. Baker uya e Pretoria, Rev. Wm. Frost uya e Johannesburg, u Rev. Avon Walton, e Mtali, Rhodesia.

FABMERFIELD. —Bebene Naveseri yesikolo salapa ngomhla 3 ku November, 1898. Abantwana bazifunda kakuhle ipiuzabo kwincwadi Zombuzo Wesibini abanye, nowokuqala, abanye nasema Culweni ka David, abanye ngokwesi Xhosa nangokwesi Ngesi; kwaye kuko nasekucimbeni uculo. Ngunna wenani iqokupasala kuyiposi Miss Ndolokwasi, otate ingoma eti " Ona pro nobis," ingeyile ye £1, yase ishukuyayo iqbiza naye ku Ma Culwa ubuhle kungeko u David ngumqhuba. Imali lokukusiyo uncendo ne impilo abantu, nasemanyama, apo bafumene iMpenzo yathengiswa uzuze u Alfred Mdimba Zivili Ipsudenti ngokuwela ngakuba u £1 10s. uswika u £3 16s. Abafundisi yangena ezona ngoku- qala kwesi sikolo e Sixe zezisile e inomdanha kwesele. Izitsanyanyisa ke uJonoshanye Ukuhlombe kwabanye badika izinto ezitandwayo ngokwezakhe abaninzi abaleti kulenjo naqhubu abafundisa besikholwa kumadodana eVula mcimbe idawo. Amanyanenzanziqa umisitho wencwadi ezinini ha amadodana aqhakhuzwa imali yabantwana amadoda, imali, apo kukabathanga, ngezinto eziyi- lehlaba ngokuqala uku ukuhlala kubonakaliswa inkuthalo kwangophazama . Umbuzo ti " Kwa bona, kwa yona kelowo," iziqubulo yase Kulumbe imali iyi £14 14s.

J. KONSATI SAMA KAPA.—Kwimfumba ze- newadi zetu kuko nenye Konseti ya- mvwehe kuKapa eyaba nkulu ngoku- nandi kuvakwisene ikwayo ezimbini zase Wesile, enye ibe yeyase East End Mission ipetwe ngu Mr. Msomi, eyesiti Hope School ipetwe ngu Mr. Mzokoza, yapantse yazalwa i Metropolitan Hall. Yenzelwa ityalike entsha etakwakiwa ngako Norauzana yakuba ye ingxelo, kwayekuba standard III kukole kaisizi kuke abafikelayo abahini abasenenyanga. Ezimbini kupela kwesisikolo.

EMNYAMENI.—Bebeikwe ngu (Mlvol) ziikolo (Mr. Ely) ngomhla we 25 ku August. Kwema ngoluhlobo:—Inani ezincwadini. 95, abapileyo 92. Ku Stand ard IV kwangena 3, kwapumelela 2; ku Standard III kwangena 1, kwapumelela 1; ku Standard I kwangena 14, kwa- pumelela 13, ku Standard II kwangena 19, kwapumelela 17. Imi ngoluhlobo ingxelo, kwayekuba Standard III kukole kaisizi isizatu sokuba kwesihlanu siwileyo kuko abafikelayo ababini abasenenyanga I Konseti. Kubaluiwa amanenekazi ezimbini kupela belapa kwesisikolo ango Mrs. Masinga no Mrs Sambo no Miss Rako kungasatetwa je ngo- walapa wapumelela ku Standard II nyakenye, waza wahlala ikwata yonke

Amaya Omongi

Woneke umntu ohufupi nose mi aitoba anambini i (92) Aberdeen, e Koloni uyamazi u Mrs. J. P. Steyn, waye enokuyamkela ibingamashumi amane anesixenxe (47) Ungomnye wamakolwa amaku- lu nantonina ayitetayo ngesifo. Kunkayeza ka Chamberlain. Ute xa ubala engapandle (ekaya), nasemva kokuba efikile ukutanga ndo ukuzabunamashur abebeta wowe ehlaka noma watpe Kulu- kwixesha elidluleyo intombazana yam msebenzi mhle ngaba itipshala enkulu enci- nane yayinoxaxazo olukulu. Ndati kwa oko ndayinika elika yinto ka Gulwa—Mr James D. Gulwa: Chamberlain le Chorela ne Sisu abancedisi Miss Fanny Nka nieni no Segazi. Kupindwe ka bini ngeyure Miss Pattie Mlakwadla. Kwanalwa yati isandelayo ukuhlanganisa izaxazo. Ke lonto yalungqamisa umsebenzi ukewumyamela kwabo umsebenzi. Kute kwakusi ndaquba ngo wabo enga Inkosi ingabanceda una- kwemigqaliselo, ndamnika intwana ye

Impawu Zababaleli

E M (RAMBA).—Incwadi yako iyakuda- la isapontsbane esingayi kutwanimntu.

KUMBHALI OSE HOETJESBAY.—Akuli bekanga igama lako, ngako oko ke akuna kwenziwa nto ngencwadi yako.

JDK (Johannesburg).—Ipepa aliza- mkeli inteto ezimbi nezibunyala. Aku- lixelanga nelona gama lako.

M K NGOGODO.—Umcimbi ofana nalo wako ulungele imantyiyako ukuba kuko indawo zokubambelela. Xa ungenazo nawe nati asingetini.

KUMBHALELI OSE DYALFANTENI.—Umcimbi ohala ngawo utyekile emgaqweni, negama lako akulibekanga ; iyasikwa ke ngoko.

H B (TINARA).—Incwadi eziteta ngaba- ntu ngohlobo lwale yako azinakwamkelwa. Negama lako alibekanga segama umlokwaso.

KUMBHALELI OSE KAPA.—Incwadi yako yokohlukuba i Ukuhle, wakabibekanga negama lako. Ukuba ubungataudi ukuba libonakale igama lako ngewulihlebele Umhleli kupela.

ABASHUMAYELI ABATSHA.—U Mr Mda- ni wase Glen Grey uti abashumayeli ma- baviwe ngumfundisi ngapambi kokuba bamiswe ebushumayeleni, kuba ornnye ngapa ngase Mkapuse uke watsho ama- mpunge odwa esiti i Sodom ne Gomore zantywiliselwa ngamanzi; wateta nezi- nye izinto ezingena siseko.

UKUYEKELELA KOMZI.—U Mr George Mate wase Toleni uti umzi usuke waziye- kela amapepa endaba into zonke. Aww- sabiangani wona wodwa, kanti eyona nto bona baluna yona lonto bekumelwe kukuba umzi ubuye uvisisane. Umzi mawuyeke ukuhagcikiyama ngezinto ezizi- nokumana ucalulana ubuzwe wode ube sisulu nakwezinye izizwe.

IMVISISWANO.—Umbhaleli oti ungu Mbo-Xosa uti umzi mawulumke ukumka negwebu lonyulo nokuba bekuxatyenwe ngantonina yakuggita kukuba ivoti yomzi inganluiwa pakati. Usapikisana nganto- nina kona kade uhozi kuba ziquzo zi Zakubona kala Beaconsfield ukala ngamanenekazi akona uti, kuko angazipete kakuhle, abe esiti noko anjalo ukuzicingela kwawo afundi- le, kanti imfundo, kwa usangena esiko Iweni, uqubisana nendawo eti; " Beka uyihlo nonyoko, utande abantu bonke." Uti ngoko onke alolohlobo seleboniwe, makalumke.

UBU BONTI NOBU PULDYASI.—Umbha leli ose Alvani uti az ukuba zitinina ku namhlanjenje i Puldyasi ngo Sauer no Merriman, okuya kwakusitiwa bamlahli- le umntu ontsunc'u. Kauve inteto yomfo ka Sauer ngomteto woranelo. Ubu Bonti nobu Puldyasi bunceda ntonina emzini? Mabavele kaloku abempi yo Lodzi. Ye yona ngqnko yabo na baduba yona? Ezinye i Puldyasi mazike ziqondekwi- ngile ukuba itandazelwo i Tiyopiya nexoxo esondelelene nomntu ontsundu ukuba koba njanina.

OKUMATELEYO.—U Mr Charles Mku- matela upendula u Mr Majiki uti kulu- ukuba ngaba ilahlekile njengokutsho kuka Mr Majiki, kanjalo mayibe yona itandaza u Bhali, kodwa ukuba itandaza kwa lo Yesu makalumke ukugweba.—Kanti ke no Yesu unokutandazwa ngendlela egwenxa, njengokuba kusitiwa i Roma yenjenjalo. Inyaniso yona, ezizinto ze- nkonzo asizizo zokukhwa pezulu ngaba- ntu nje. Nyoko awboni luncedo ekuto- xweni kwazo ngabangezizo inzutela kuzo.

UMTSHATO E MOUNT WHITE.—Umbo- neli ukalisa ngomtshato oba ngomhla we 7 ku October, e Mount White, pakati ko Mr Charles Mjodi no Miss Alice Maud Sigenu, intombi ka Rev W Sigenu. Ube ngumtshato oqutywe ngenkonzo epaka- mileyo. Abapeleki babe ngo Misses J M D Sigenu. A F Nzamela, Mr Gcadi- nja, no Miss I'atnla, Messrs T N Pamla, J Tobo no TJ Mayeza (bestman). Kupu- nyiwe etyalikeni kuyiwe edinaleni ebilu- ngisiwe ngobunono, aye amakosikazi o Mrssigenu no Mrs Nzamela bewuquqo zelela kukuhle umzi. Kokulahle kwetu kuko lunothi e Kota ukulindiswa likhulukelwe ...

UMBULELO.—U Mr. Phillip Hlaba wase Monti uti ubulela Imvo kakulu kumci mbi aluzizi ngawo kakulu. Kokuba wa kutetwa kulo Mr. Ukwetwa ziltsha. Ayeyapela lisukelwa. Yinhlalo yake abesebelelisayo.

Izikolo Zakwa .—Umbhaleli ka kwadi enopau lwe posi yase Kimberley, inezitampu eziyi 2s. Ayinancwadi pakati ibika igama lomtumeli, nento ezinjaula yona. Onokwilandisa kuni ma Kimberley sovuya.

NDODUKOSI.—U Mr. Wm. Zingatto wakwa Komani uti . uva kusitiwa epepeni intlanganiso eyayise St. Andrews, e Komani yayonganyelwe ngu Nkosi Qwela- ne. Uti ubengatanda ukwazi ukuba kungenxa yokuba kungeko zinkosi na apa kwa Tembu, lonto kutiwa ngu Nkosi kuba yena akamazi apo.

ISIMILO ESIBI.—U Mr. T. Ngwazana wase Mount Frere ubalisa ngento eke yamhlela. Ute ngenye imini ehamba xa angase Tina, kwetapu umfo apo ommemezileyo, wati yena engekape- nduli waseletuka lomfo ngentlobo zonke, esiti yena ungumfokazana uyaziwa. Nto ibe ngumangaliso kukuti kanti lomntu, ligqoboka lomtendeleko ekubonakala ukuba ngala arabaxa.

NGEZINXIBO.—Umbhaleli oti ungu "Mna onentloni " wase Monti ubhala ngendawo ati ubona isoloko izingisile kulomzi ontsundu, ngokukodwa e Monti, into yokunxitywa kwemitika yabafundisi ngabantu bengengabo. Sewunga- qonda ngo Mvulo, ubone lampi ibitsho ngekola ezibeka ngemvoxiyo ezitoreni kwakuMsa. Uti Bollwe uti, "Isigqiboseko angamika ebiseBumshi kosiwaelenele, kubaye, yxesha lokuyilamla lengxoxo aliseko; kanti bona abafundisi bati liseko. Kanjalo iramente ibonakala ukuba ayaneliswa kuba inga ngowuyekelwe kuyo lomci- mbi mhlaumbi wabungiswa yona ukuze igqibe apo itanda kona."—Umbaleli oti ungu " Bonelayo " uti unqwenela ukwa- zi abe elifihla negama lake, ngubanina oyakuxelela umntu angamaziyo.

IMVOXO YASE DIRENI.—U Mr. M. Bolwe ute ...

UKUSA KWABANTWANA. — Umbhaleli ongu M.M. ubalisa ngokusa kwabantwana ake wababona kwisitishi sika loliwe, e Ncemera, ese engumhambi. Uti wati efika ululiwe naye waye selanele, kuba izituko ezazitetwa ngamakwenkwana namantombazana zazingetetwe naleli- bomvu iqaba. Uyawucebisa umzi wase Ncemera ukuba uqinise impato yaba- ntwana, kuba abahambi bona bomana beqqita ngabo bese

IBHUNGA LASE QONCE.—Ngolwesi Bini iweveki egqitileyo, kwingxelo ezibekwe ndlelen... nje. Utsho ati pambi kweli Bhunga yengamanzi aku makungagcinwa itempile zodwa ; Tsolo, engeniswe ngu Mr. Thompson, ikwayiyo nale yokunyamekela ote angasiwa kona amanzi nge £100.—abantwa- na abancinane Igosa lo Qapulo livakalise ukuba kwi- veki ezimbini ezigqitileyo kuqatshulwe i Netevu ezi 204.—Kuvakaliswe nokuba umfanekiso wobedu we Nkosazana ekwakugqitywe nge Dyibili ukuba ufu- nwe ufikile. Kwakutiwe womiswa ku- lendawo inentsimbi ingako Messrs. Beauchamp, Booth & Co. — Kuleswe incwadi endeyo Messrs. Innes & Hutton ngomhlaba wesikolo sakwa Bhulunoli oti

IPALAMENTE

AMANQAKU.

Kuko inteto yokuba ngu Mr. John Graaff, omele i Vusta, ongaroxayo uku- ze u Mr. Solomon abe nokutumana isilulo e Palamente. Lenteto ilandela eka Mr. Graaff ngokwayo ote kunokuba kubeko umteto wokongezelelwa kwezi- tulo, uxolele ukuroxa konkena e Pala- mente. Asikolwa kodwa ukuba uya kuroxa de kuqondakale ukuba u Mr. Solomon akanakufumana situlo nge- ndlela yokuba kubeko amalungu aqe- tulwayo pezu kwemitandazo epambi kwa Matyala Amakulu.

***

Njengokuba ngolwesi Hlanu olunga- paya kwagqitywa (nga 39 na 39 nevoti yomhlali pambili) ukuba intloko zama- cala zidibane e Nkomfeni, zikangele iuto enokwenziwa kumcimbi wokwabe- lwa kwakona komzi Izitulo e Bandla — u Rulumeni ude wavuma—watyumba kwelake icala abameli abango Messrs. Schreiner, Sauer, no Dr. te Water. Kwelaba Rori kutyunjwe o Sir Gordon Sprigg, Messrs. Rhodes, no Innes.

Kuvakala ukuba ngati izitulo zo Galada no Tempileni zingapeliswa, kuba inani (800) labavoti abalimeleyo lingepi, lanelele ukubandakanywa nezinye indawo.

***

Siti tina ibingengqubgcisa kuwe ukuba umsebenzi i Palamente ngale ngxushungxushu yezitulo, ngoku Rulumeni icala lomelele kule Komfa. U Mr. Sauer lelona yeko nengqondo kunyulwe i Komfa nje umsebenzi endala ye Palamente; u Mr. Schreiner ukwa yi ndoda, kanti u Sir G. Sprigg no Mr. Rhodes abangqele nokungqela kubo kwelocala. Sebeya kutengbala kuno Mr. Innes kwelabo icala.

***

Ingxoxo ezihambisekayo asizizo ezi mbabalo ndle kowakokwetuImbi.

Umteto Wotywala ka Mr. Innes upu- melele kwi Bandla le Ngwevu.— Ngoku ukwelinga Pantsi.

***

U Mr. Zeitsman uke wapakamisa u- kuba ivenkile zasema Mpondweni zisi- kelwe umhlaba. U Mr. Schreiner ute ayinakwenziwa lonto. Ngapandle koko kusalindwe isiqamo sesibeno sika Cook obonelo Vryburg.

***

E Transvaal

Kunzima nqubo ngezitulo iyakuvakala kuba akazelwe nto ngala madoda swa ngu Rulumeni nanhlanje, kodwa Nambla (Mvulo) sibona kwipepa le 4 November isiqqibo alike abeka sona kwintlanganiso abenayo e Transvaal. Wonke umntu omnyama olapa uzakunyangelwa ukuba ayekulwa kwa Magato, ongavumiyo uyakuya kuhlala efameni ye Bhulu elingekoyo, okanye enziwe ukuba arole irafu etile (nama Asia aqukiwe). Noko ke akukabiko lunyanzelo okwangoku; wobuye uve nawe wena usezantsi. Tina ke asinankolo ukuba lonto iyakwe- nzeka, kuba akuko mpuku ingati tini, nceda kati undibambele la mpuku.

Eyona nqubo ngezitulo iyakuvakala kuvakala ukuba kuyakongezelelwa Izitulo ezi 14—3 e Kapa, 2 e Bai, 2 e Tinara, 1 e George, 1 e Worcester, 1 Middleburg, 1 Victoria West, 1 Tembuland, 1 East Griqualand, 1 Cathcart, Sutter belimne Qumra.

Ngati ukuhlanganyelwa kwelantempu ...

Umkosi wase Krugersdorp kuyakala ukuba ke wapana izitonga nobupuma e Johannesburg ngokusuke kuyakale isitonga komnye. Ute ke omnye wakuya oko wacinga ukuba ngo Kafile kuba.

Kwababuzayo kunzima, kuba akufu- neki umntu ebilile ukubonwa kwake ebilile kuxela ukuba unxilile, ubilisiwe bubo. Lumkani nina baselayo, ngoku nibonwa ngokubila ukuba ke nabuva. Anjalo wona awakwa Zulu amapolisa.

Umbhali oti ungu " Bhabhaliqaule " wase Johannesburg uti unqwenela uku- ba ake acebise umzi wakowabo ose Johannesburg 'ngendawo ezimbini Eyokuqala yeyokuba, ukuba umzi oraa- kolwa awuyifuni ingxolo njengokuba umana ukala ngengxolo, unako ukuyi- pelisa wona ngokusuke uvale utywala bungasilelwa kwindawo abahlala kuzo. Uti kanjalo akulunganga ukuba kuma- ne kusitiwa akufundiswa kwesi isikolo, ngokuba xa kuko indawo enganelisi- yo umntu angahlangaua no titshala bavisisane ngalondawo. Utsho akutaze indawo ati uke wayiva—nziwa ngabom kwangabo aba bati yokuba kuko izikolo ebekungwa yna kwapulwe imali yontsundu, xa ukuba zidibane ndawonye, nokuba yena umntu omnlope etimana ngapezu kwa £20 ngenyanga. Lento otitshala abafundisa apo bangapina itetiweyo ngo- mntu omnyama imbi.

Icebo Lowe Football

" Oka Chamberlain Umdambisi We ntlungu ndimxabise kakulu "ubhala- elusizi endiyivileyo malunga nentlalo yontsu- ndu kwelase Transvaal, kuba kusitiwa imali mayitotywe kontsundu ibe kwi £2. Abelungu banyanisile, kuba besi- tsho nje basipete nje egazinye.

Hayi (utsho omnye) into imbi, atsho u Gert P. Volsoo wase Nyara e ndakutuka ezingqwinibeni nase madolweni. Ndite emva komdlalo nda- zihlikihla Ngomdambisi Wentlungu, zati iqhiba bezitshotshozela kakulu zapela ngenxa. Ipepa leveki edluleyo lifike kukubi e S msinya kwati kusisar ndaba adi- ngasazinto ukuba ke ndenzakala. Icebo lam kuye wonke umdlali we football kukuba azifakele imbodlelana yoka Chamberlain Umdambisi Wentlungu engxowen yake xa sukuba esiya kudla- la." Oka Chamberlain Umdambisi Wentlungu utengiswa ngo R. Lumsden & Co., abatengisi mayeza, e Qonce.

AMACEBO MALUNGA NESIFO

Izilatiso zokusetyenziswa koka Chamberlain Umdambisi Ntlungu.

KWINGQANGQAMBO EBUKALI YAMATA- MBO : Hlamba londawo ibulalayo ngoka Chamberlain Umdambisi Wentlungu ka- tatu nakane ngemim enye.

KWINGQANGQAMBO ENOKUDUMBA Hla- mba indawo ebulalayo ngoka Chamberlain Umdambisi Wentlungu kube kane ngemini, uhlikihle kanobom, umana uhlisa ukuhlikihla, ubhekise . ezantsi. Nxiba eze flannel ngapantsi, uzilumkele ungafunyanwa yimimoya ebandayo.

KWINGQANGQAMBO EYENDELEYO : Hla- mba londawo ibulalayo ngoka Chamber- lain Umdambisi Wentlungu kube kane ngemini, utabate iminiti ezili 15 ne 20 uhlikihla kunene ngawo omane lomaxe- sha Hlisa ukuhlikihla, ucinezele ka- kulu. Xa sukuba sinamandla amakulu isifo esi, tabata isiziba se flannel, usifake koka

Native Opinion &Guardian

MONDAY, NOVEMBER 14, 1898.

NATIVE CHURCHES.

TO appreciate aright the observ- ations under this heading, it is, we think, proper to state that they are intended as an appeal to Native Christians, and represent what is passing in the minds of observant European missionaries, as the result of certain marked developments in missionary work among the Natives at the present time. The subject is one that some may, at first sight, consider as scarcely suitable for a secular paper, but inasmuch as our people are as yet not ripe for a purely religious journal, it is not possible for IMVO ...

But ... time be able to support and con- duct that work themselves. In carry- ing out this great purpose, missionaries do not go about shouting it on the bill-tops, but reveal it in the work they do, in the results they effect It may never occur to many amongst whom they labour that all they do is bringing the people nearer and nearer the realization of this end. By the action of many in these times it would seem that they ...

TRUE AIM OF THE CHURCH.

THE aim of all Christian Missions to heathen lands is, not only to carry the gospel into them, but to see the work of the Church so established among the Native people take in their purview mathat they will to religious thought, and we are not far out in following their cue.

HOWEVER easily and safely this claim can be made for missionary effort the world over, the best and most incontestable proof of our opening assertion is to be found in the fact that the members of the various existing Mission Churches are the harvest into what are known as purely Native denominations. admittable to all the offices of the church and are at this moment occupying these very offices. There may be unimportant exceptions to this statement arising out of particular systems of church government, but what we wish to emphasize is that in both the lay and ministerial divisions of the church's work the Native people are having a part and are thus being brought forward to increased capability and fitness for bearing upon their own shoulders the burden of the manage- ment of the Church of CHRIST in their land most spiritually-minded members of our Natives missions know and When the work of the Churvh can be acknowledge that this stage has not left entirely in their hands is a very yet been reached and that, for the different matter and depends on how consideration and advancement of of quickly the people are making CHRIST'S kingdom among them, the themselves efficient and sufficient presence, knowledge, influence, and for the work laid upon the church by efforts of the white missionaries are Christ, its glorious and exalted Head. not only most desirable but most It can be said that the wisest and essential. It is only foolish pride and self-ambition that thinks and says tne contrary.

MISGUIDED MOVEMENTS.

THE attempts at the present time to originate so-called "purely Native denominations" arise from a very short- sighted vision and imperfect conception of the mission, composition and work of the Church of CHRIST. We do not gather nations, races, or tribes as such into the fold of CHRIST: we gather sinful men ; and when they are gathered they are members of the Church of CHRIST without distinction of race, tribe, or country, and, as members of that church, they are all one; and work for the highest good of all. The Chinamen is an anomaly, a non- existant in the spiritual sphere. Church of CHRIST is a home of believers, a family of which GOD is the Father: Jesesu Christ the Elder brother. Con- venience alone nukes men link the church with the name of their native land, and no one ever thinks of excluding others from its The Holy spirit the power that cements the Whole and guides to all true ends, makes life blessed, fruitful and holy. This family has but one name and we pale on that account. There is a true, a Church of Scotland, but it is not a Church of Scots : It is CHRIST'S dare not soil it with anything church in Scotland, and any national, racial, earthly; it is believer who lives there of universal. In plain language we do whatever clime or race may not have a place in that family as partake of all its privileges and Kafirs, Fingoes, Basutos, English, find a place in all its offices. Were Jews or Scots, but only and solely any one to arise and declare he redeemed sinners of mankind. A had a vision or revelation that there should be a Church of Scots, only for Scots, men would without hesitation or mistake easily discern where such a vision or revelation came from. The Church of Scotland admits all men of whatever class, colour or condition ; and any church that cannot do that or rises into existence for any one section of humanity to the exclusion of another is not a church of CHRIST , at all, for it opposes the genius and spirit of His religion which revelations are held up for our ac ceptance they must be brought to the touchstone of GOD'S Word. " To the law and to the testimony: if they speak not according to this word, it is because there is no light in them.' — Isa. viii. 20.

THE white missionaries along with Native Christians have been doing for long what these new- lights are to-day proposing or trying to do. There is surely no one who believes that they come from over the sea to do anything else than bring into existence "Native churches " and these churches that at present exist because of their efforts are as really native churches as those aimed at by the advocate of " purely Native denominations." The efforts of these people, moreover, are exceedingly ill-timed ; for the tendency our times in all spheres is towards union. Alike in the world and in the church this movement prevails. Doubtless it is thought an enviable thing to originate a new denomination ; but the man who is ambitious for such fame must be living in a very small world and apart from the forces and influences of his generation. Besides a unity of spirit within believers there must be effort at external and visible unity, so that they may thus be stronger to fight the enemies of GOD and advance to win the world for CHRIST. Instead of this working and reaching out! towards unity we are witnessing men in our midst doing their utmost to sunder and scatter the flock of CHRIST, leading the weak and unwary away from the rich dewy meadows of Zion into a bare and barren wilderness,, wrenching the sons and daughters Jerusalem from the mother who bore and reared them. Such men, deludin the people and making factions in the enemies of the Natives. and there is but one course open to the church that gave them their rank and function, viz. to cast them out. They are then no longer ministers of the church or of CHRIST its Head ; and those who acknowledge them as such set themselves against the church and against CHRIST. Christian men and women, know ye not that ye are CHRIST'S ? See, then, that no man take you out of CHRIST'S hand. Be not deceived when another calls you with enticing words to leave His fold; for His voice you have known of old and a stranger's you will only obey to your discomfi- ture. This is not a question between men and men, it is a question between CHRIST and men. CHRIST by His church bids you to abide within the fold which is His. Others call you to leave it. Are you for Him or them? church, are guilty of the sin of schism,

DESIDERATUM OF THE TIME.

AT this juncture of the Church's life in South Africa there is a loud call to the faithful to buckle on the armour of truth and righteous ness, and be valiant once delivered to the is a loud call to a spiritual life, a life that would make render drunkenness, a heathen life and the painful events in our churches im- possible. There is a loud call to church members to purify themselves from heathen influences and practices which are sapping the spiritual life of many and keeping them from going forward. There is a loud call to brotherly love and the sinking of all race feelings and strifes so that we may meet as Christians brethen and rejoice in the common blessings of Christ salvation. There is a loud call to prayer and work that Christ's kingdom may come and He will be done among all men. If this call be obeyed and responded to God's heritage will again rejoice and proper and glory shall dwell in the land.

Topics of the Week.

Mr Innes and Constituents

We are sorry for Mr. Innes. His Cape Division constituents appear to have instituted a system of espionage over him. On Monday morning he had again to assure a deputation of his constituents that he means to stand loyally to his (Rhodes-Sivewright) party in all efforts necessary to get Redistribution

We wish he had at the last election secured another seat rather than be thus treated as a suspect. Victoria East, we are certain would only have been happy to return him again.

Our High minded Speaker.

Mr. Garrett, through the *Cape Times,'* appears to be still worrying the Speaker —a most un-British and degrading act. It is to be hoped the magnificent reply the Speaker is understood to have given will put an end to all this unseemly and utterly discreditable agitation. All right- thinking Colonists will be entirely with the Speaker who feels " that if he resigned the chair he must resign his seat." As the *Cape Times* says: An 'immortal cannot return to mix with mortals on their own level.'

***

Mr. Garrett goes on with his word- spinning even after this exalted rebuke. Our country!

While on this subject it is gratifying to find that, while some of the more irresponsible section of the Speaker's constituents more amenable to Tammany Hall methods which are being introduced into our politics held a meeting and inveighled, reasonable and sedate section who we are certain represent the majority of the electorate have signed and sent the Speaker a gratifying addres

It is as follows

From: Electors Queenstown To: Dr Berry, MLA

We the undersigned electors of Queenstown beg to convey to you our sympathy with you in the difficult position in which you are placed together with an assurance of our unswerving confidence

To the grossly partisan message from the discredited meeting the Speaker sent the laconic and well- conveived reply:—

"Received your telegram."

Sweet Reasonableness.

